



## Build your baby's brain!

Have you ever wondered why we read to babies and toddlers? The simple answer is that reading together is a wonderful way to get to know each other, develop your baby's or toddler's language and stimulate their minds to have big thoughts and ideas! Here are some tips for reading to babies and toddlers.



## Phuhlisa ingqondo yosana lwakho!

Wakhe wazibuza ukuba kutheni sizifundela iintsana nabantwanana abasabhadazayo? Impendulo elula ithi ukufunda nikunye yindlela engummangaliso yokuphumeza ukwazana, yokuphuhlisa ulwimi oluthethwayo losana lwakho okanye lomntwanana wakho osabhadazayo neyokukhuthaza iingqondo zabo ukuba zibe neengcinga kunye nezimvo eziphakamileyo! Nanga amanye amacebiso malunga nokufundela iintsana nabantwanana abasabhadazayo.



### BIRTH TO 6 MONTHS

1. First books that have simple pictures or photographs of babies' faces, usually work well for very young babies.
2. Until babies can sit on their own, it's easiest to put them on your lap with their back against you and to hold the book in front of them.
3. Repetition and routine make young babies feel secure, so you can read the same book over and over again in exactly the same place each day without boring your baby! You can also say different things to what is written on the pages, as long as you and your baby enjoy yourselves.

### EKUZALWENI UKUYA KWIINYANGA EZI-6

1. Iincwadi ekuqaliswa ngazo ezinemifanekiso engenabugocigoci okanye ezineefoto zobuso babantwana, zikholisa ukuzilungela kakhulu iintsana eziselula kakhulu.
2. Zide zikwazi ukuzihlalela ngokwazo iintsana, kulula ukuzisingatha zikufulathele uze ubambe incwadi phambi kwazo.
3. Uphinda-phindo nesiqhelo kuzenza iintsana zizive zingenaxhala, ngoko ke ninokufunda incwadi enye niyiphinda-phinde nihleli kwindawo enye kusuku ngalunye kodwa lungadikwa usana lwakho! Unakho nokuthetha izinto ezahluka-hlukileyo kwezo zibhalwe emaphepheni, okubalulekileyo kukuba wena nosana lwakho nikonwabele enikwenzayo.



### 6 TO 12 MONTHS

1. From about six months of age, most babies also enjoy books that have songs and rhymes in them. Read the words, but also talk about what you see in the pictures and name some of the objects and colours. Don't forget to make lots of interesting sounds too, for example, moo when you look at a picture of a cow!
2. Board books and cloth books work best when you want to allow babies to handle books on their own, like during nappy changes or when they are in their pram. These books can be chewed, pulled and patted without breaking! Remember that chewing books is normal – it's a sign that your baby is teething.
3. Older babies enjoy books with flaps, pop-ups and buttons that you press to make sounds. They also begin to get more involved with what is going on in the book, like pointing to things on the page or trying to turn the page.

### KWIINYANGA EZI-6 UKUYA KWEZILI-12

1. Ukususela kwiinyanga ezintandathu zobudala, uninzi lweentsana nalo luyazithanda iincwadi ezineengoma neevesi zabantwana. Funda amagama, uthethe nangezinto enizibona emifanekisweni nangezinto ezithile ngokunjalo nangemibala. Ungalibali ukwenza nezandi ezinomdla ezininzi, umzekelo, mhoo xa nijonge umfanekiso wenkomo!
2. Iincwadi zeebhodi nezamalaphu zisebenza kakuhle kakhulu xa ufuna ukuvumela usana ukuba luzibambe incwadi ngokwalo, njengaxa usalutshintsha isishuba oko kutsho inaphukeni okanye xa ulubeke enqwelweni yalo. Ezi ncwadi zinokuhlafunwa, zitsalwe futhi zibhambathwe ngaphandle kokukrazuka! Khumbula ukuba ukuhlafuna iincwadi yinto eqhelekileyo – luphawu lokuba usana lwakho lumilisa amazinyo.
3. Abantwana abakhudlwana bathanda iincwadi ezineendawo ezinokubhenguzwa, ezinokutakisa izinto nezinamaqhosha anokwenza izandi xa ecinezelwa. Kwelo xesha sukuba beqalisa ngokuzibandakanya kwinto eyenzeka encwadini, njengokwalatha izinto ezisephepheni okanye njengokuzama ukutyhila amaphepha.

### 1 TO 2 YEARS

1. At this stage, children's ability to understand and use language increases dramatically. Although they continue to enjoy the books from their first year, they often also like stories about other children, animals and familiar everyday experiences.
2. You should continue to set aside special times each day to read with toddlers as this helps them learn that reading is a pleasurable activity!

### KUNYAKA OM-1 UKUYA KWEMI-2

1. Kweli banga, isakhono sabantwana sokuqonda nokusebenzisa ulwimi oluthethwayo sikhula ngokukhawuleza okukhulu. Nangona beqhuba ngokonwabela iincwadi zabo ukususela kunyaka wabo wokuqala, nabo bakholisa ukuwathanda amabali amalunga nabanye abantwana, izilwanyana nangezinto abaqhele ukuzibona kwimihla ngemihla.
2. Qhuba ngokubekela bucala amaxesha athile kusuku ngalunye ukulungiselela abantwanana abasabhadazayo njengoko oko kubanceda ekufumaniseni ukuba ukufunda okubhaliweyo sisenzo esonwabisiyo!



## Story stars



This year, children's author and activist, Lebohang Masango, was Na'ibali's World Read Aloud Day ambassador. We chatted to her to find out more about her passion for literacy.

**How did your love for reading and storytelling start?**

It started at about four years old when my mom and dad got me the entire box set of *Poldy flies high* books and audio stories by Felicia Law. I would sit for hours listening to the cassette tapes and reading along with the books, even before I could actually read! My mother also always read to me at bedtime.

**You are the author of *Mpumi's magic beads*. Have you always wanted to write a children's book?**

Yes, but of all my ambitions, it is the one I spoke about the least. I grew up reading a lot, but when I became an adult, it was easier to imagine myself writing for adults, because I am one! I admire children's book writers. I have always thought that writing for children is difficult – holding children's interest is not easy.



**Tell us about *Mpumi's magic beads*.**


I really love Johannesburg and I have always wanted to write about the city from a child's perspective. I wanted to show that it can be a fun, safe and educational space for children. This book is also special because it affirms children. It focuses on the importance of self-esteem and friendship.

**Do you think people in South Africa are interested in reading and storytelling?**

I believe reading and storytelling are always appealing. I think the key to keeping people interested in literature, is to give them opportunities to read on their electronic devices.

**You are a Youth Advocate for UNICEF's volunteer programme. What do you do? What role does reading play in this?**

As a Youth Advocate, I am working to ensure that South Africa's children are safe and able to reach their full potential. Literacy is a critical building block for individuals and communities. Reading and storytelling can teach people so many things, such as how to use your imagination, how to develop the confidence to speak out and how to be more compassionate to others. Exposing children to these lessons is important because readers become leaders, as we know.



Lebohang Masango



Lebohang Masango at Na'ibali's World Read Aloud Day 2019 celebration. ULebohang Masango kumbhiyozo woSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lwakwaNa'ibali lwango-2019.

## Iimbilasane zamabali



Kulo nyaka, umbhali weencwadi zabantwana netshantliziyo, uLebohang Masango, ebengunozakuzaku wakwaNa'ibali woSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi. Sikhe sancokola naye sizama ukufumanisa banzi ngothando lwakhe olushushu malunga nelitheresi.

**Lwaqala njani uthando lwakho lokufunda nokubalisa amabali?**

Lwaqala ndiseneminyaka phantse emine ubudala xa umama notata wam babendiithengele iseti yebhokisi epheleleyo yeencwadi ethi *Poldy flies high* kunye namabali amanyelwayo kaFelicia Law. Ndandihlala iiyure ngeeyure ndimamele iiteyiphu zeekhasethi ngaxeshanye ndifunda neencwadi ndingekakwazi nokufunda ngenene ngoko! Umama naye wayendifundela qho xa ndiza kulala.

**Ungumbhali wencwadi ethi *Amaso amangalisayo kaMpumi*. Ingaba kwakusoloko kungumnqweno wakho ukubhala incwadi yabantwana?**

Ewe, kodwa phakathi kwayo yonke iminqweno yam, yeyona nto ndithethe kancinane ngayo. Ndikhule ndifunda kakhulu, kodwa ndithe ndakuba ngumntu omdala, kwalula kum ukucinga ngokubhalela abantu abadala, kuba ndingomnye wabo! Ndiyabancoma ababhali beencwadi zabantwana. Bendisoloko ndicinga ukuba kunzima ukubhalela abantwana – akululanga ukugcina abantwana benomdla.

**Khawusixelele ngale ncwadi ithi *Amaso amangalisayo kaMpumi*.**

Ndiyithanda kakhulu indawo yaseGoli futhi bendisoloko ndinqwenela ukubhala ngesi sixeko ngokweliso lomntwana. Bendingqwenela ukubonisa ukuba yindawo enakho ukuba nolonwabo, ekhuselekileyo nenemfundo yabantwana. Le ncwadi iluhlobo olulodwa kuba yenza abantwana baqiniseke. Ijoliswa ekubalulekeni kokuzithemba nakubuhlobo.

**Ucinga ukuba abantu baseMzantsi Afrika banomdla ekufundeni nasekubaliseni amabali?**

Ndikholelwa ekubeni ukufunda nokubalisa amabali kusoloko kunomtsalane. Ndinga ukuba okuphambili ekugcineni abantu benomdla kuncwadi, kukubanika iithuba lokufunda kwizixhobo zabo ezisebenza njengekhompyutha.

**Ungumthetheli woLutsha kwinkqubo yamavolontiya yeUNICEF. Wenza ntoni? Ukufunda kudlala yiphi indima koku?**

NjengoMithetheli woLutsha, umsebenzi wam kukuqinisekisa ukuba abantwana baseMzantsi Afrika bakhuselekile futhi bayakwazi ukufikelela kwisakhono sabo esipheleleyo. Iitheresi sisiseko sokwakhiwa kwabantu namaqela oluntu. Ukufunda nokubalisa amabali kunokufundisa abantu izinto ezininzi, ezifana nendlela yokusebenzisa ingcingane yakho, indlela yokuphuhlisa ukuzithemba ukuze uthethe ngokuvakalayo nendlela yokuba nesisa kwabanye. Ukunika abantwana amathuba okufumana ezi zifundo kubalulekile kuba abafundayo baba ziinkokeli, njengoko sisazi.





## Developing a reading club programme

Do you need some help with reading club activities? Here are some suggestions.

Certain activities are great to do each time you meet. Choose from the other activities depending on how they link with the books and stories you are sharing and how much time you have. Change some activities each week to help keep your reading club sessions fresh and interesting and to encourage the children to attend regularly!

## Ukophuhliswa kwenkqubo yeklabhu yokufunda

Ingaba udinga uncedo ngokuphathelele kwimiseyenzana yeklabhu yokufunda? Khawufumane apha nazi iingcebiso.

Kuhle kwaye kubalulekile ukwenza imiseyenzana ethile rhoqo nihlangana. Khetha kweminye imiseyenzana ngokuxhomekeke kwindlela loo miseyenzana engqamene ngayo neencwadi okanye amabali enabelana ngawo kuquka nobungakanani bexesha eninano. Yitshintshe rhoqo ngeveki imiseyenzana ukuze iindibano zeklabhu yenu yokufunda zihlale zintsha kwaye zinika umdla ukuze zibe nokubakhuthaza abantwana ukuba babekho rhoqo!

### Games and songs

These are fun ways to start a session. Teach the children the games and songs that you used to play and sing as a child and play ones they know too. Sing songs in the home languages of all the children and in other languages.



### Imidlalo neengoma

Ezi ziindlela ezonwabisa zokuqalisa indibano. Fundisa abantwana imidlalo owawuyidlala neengoma owawuzicula usengumntwana, ungalibali ukudlala nezi bazaziyo kananjalo. Cula iingoma ngolwimi lwasekhaya lwabo bonke abantwana, kuquka nangezinye iilwimi.

### Reading aloud and storytelling

Put the power of books and stories at the heart of your club's activities by reading at least one story aloud or telling one in each session. When children listen to stories being read and told, it motivates them to want to read, so that they can unlock stories for themselves.




### Ukufunda ngokuvakalayo nokubalisa amabali

Beka amandla eencwadi nawamabali esizikithini semiseyenzana eyenziwa kwiklabhu yakho ngokufunda nokuba linye ibali elifundwa ngokuvakalayo okanye ngokubalisa ibali elinye kwiseshoni nganye. Xa abantwana bemamele amabali afundwayo nabaliswayo, oko kuyabakhuthaza ukuba bafune ukufunda ukuze bakwazi ukuwahlalutya amabali ngendlela abawabona ngayo.

### Reading together and alone

Let children who can already read, share books together in small groups or pairs. They can also read to other children in the club who are not yet reading. Join in by letting a child read to you or by reading to a small group of children. Sometimes also let children spend time alone with a book, reading silently or looking at the pictures and telling their own story. Spending time with books in these ways encourages children to choose and share books they are interested in.



### Ukufunda kunye nokuzifundela uwedwa

Bavumele abo bantwana sele bekwazi ukufunda ukuba babelane ngeencwadi kumaqela amancinci nakwabo basebenza ngambini. Banakho nokufundela abanye abangekakwazi ukufunda apha kwiqela lokufunda. Ngenelela ngokukhuthaza umntwana akufundele okanye afundele iqela elincinci labantwana. Ngamanye amaxesha mvumele umntwana ukuba achithe ixesha eyedwa kunye nencwadi, efundela ngaphakathi okanye ejonge emifanekisweni okanye ebalisa ibali elilelakhe. Ukuchitha ixesha neencwadi ngolu hlobo kunceda ekukhuthazeni abantwana bakhethe baze babelane ngeencwadi abanomdla kuzo.

### Talking about books

Introduce new books by showing them to the children and telling them a little bit about each one to get them curious and keen to read.

### Ukuthetha ngeencwadi

Abantwana bazise ngeencwadi ezintsha ngokubabonisa zona nokubanika amagqabantshintshi ngeencwadi nganye ukuze bazive bethakazelela ukuzazi nokuba nomdla wokuzifunda ezo ncwadi.



### Writing

Give children different opportunities to write. They can make their own books to read themselves and to share with others, or they can write about books they have read, or make greeting cards for friends and family. Offer to help children who do not yet have the confidence to write on their own by writing down what they tell you.

### Ukubhala

Abantwana banike amathuba ohlukileyo ukubhala. Bangazenzela ezabo iincwadi ukuze bazifundele zona okanye babelane nabanye; babhale ngeencwadi abasele bezifundile okanye benzele izihlobo neentsapho amakhadi emibuliso. Ncedisa abantwana abangekabi nakuzithemba ekubhaleni ngokunokwabo ngokuthi ubhale phantsi oko bakuxelela kona.

### Art, craft and drama

Encourage the children to paint or draw pictures, and to make puppets or other objects related to the story you have read or told. Or, allow time for the children to act out the story.



### Ubuchule, ubugcisa nedrama

Bakhuthaze abantwana ekupeyinteni nasekuzobeni imifanekiso, yenza oonopopi nezinye izinto ezingqamene nebalali olifundileyo okanye olibalisileyo. Kungenjalo, unganika abantwana ithuba balingise okanye benze umdlalwana webali elo.



# Dear Na'ibali ... Na'ibali othandekayo ...

## Dear Na'ibali

Please help me! My daughter is in Grade 1. We have been reading together at home since she was born, so she could already read before she went to school. She is bored with reading at school because she finds the readers she is given boring. I am worried that she is going to lose her passion for books. What can I do?

Feroza Samsodien, Mitchells Plain

## Dear Feroza

How wonderful that you gave your daughter such a good reading start in life! It's great that she can read for herself, but don't stop reading aloud to her. Read books to her that she is not yet able to manage on her own. So, for example, if she can read simple picture books, then try reading picture books with more words in them to her. If she can read most picture books, then try reading early chapter books to her.

Have you tried chatting to your daughter's teacher and letting her know that she can already read? Perhaps her teacher is not aware of this. Ask her if she could send more challenging reading material home for your child to read.

Keep on enjoying reading together!

The Na'ibali Team



## Na'ibali othandekayo

Ndicela uncedo! Intombazana yam ikwiBanga loku-1. Oko sasifunda kunye ukususela ekuzalweni kwakhe, uye esikolweni selekwazi ukufunda. Uyakruquka kukufunda esikolweni kuba uzifumanisa zinganiki mdlu iincwadi azinikwa esikolweni. Ndikhatzwa kukuba kungenzeka alahlekelwe luthando lwakhe olushushu lweencwadi. Ndingenza ntoni?

Feroza Samsodien, Mitchells Plain

## Feroza othandekayo

Hayi ukuba kuhle kwenento oyenzileyo yokunika intombazana yakho ithuba lokufunda ekuqaleni kobomi bakhe! Inle kakhulu into yokuba abe uyakwazi ukuzifundela ngokwakhe, kodwa uze ungayeki ukumfundela ngokuvakalayo. Mfundele iincwadi angekakwazi ukuzifundela zona. Ngoko ke, umzekelo, xa ekwazi ukufunda iincwadi zemifanekiso ezilula, wena zama ukumfundela iincwadi zemifanekiso ezinamagama athande ukuba maninzi. Ukuba zininzi iincwadi zemifanekiso akwaziyo ukuzifunda, wena zama ukumfundela iincwadi zokuqala ezinezahluko.

Ukhe wazama ukuncokola notitshala wentombazana yakho uze umazise ukuba selekwazi ukufunda? Mhlawumbi akakayiqondi loo nto. Mbuze ukuba anganakho na ukuthumela izinto zokufunda ekhaya eziza kutsala umdlu womntwana wakho ukuze afunde.

Qhubani ngokonwabela ukufunda kunye!

Liqela lakwaNa'ibali



## WRITE TO US! SIBHALELE!

The Na'ibali Supplement  
The Na'ibali Trust  
Suite 17-201, Building 17  
Waverley Business Park  
Wycroft Road  
Mowbray  
7700

info@nalibali.org



## Dear Na'ibali

I am a Grade 4 teacher and I believe in the power of stories, so I read to my class every day. I also want to find audio stories in the children's home language, Sesotho, and in English so that they can listen to them. I have looked in different shops, but I can't find any at all in Sesotho and only a few in English and they are very expensive. Do you know where I can find some affordable audio stories?

Kamohelo Majoro, Phahameng

## Dear Kamohelo

You've come to the right place! We have free audio stories on our website in ten languages. You can find them on our website ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)), but if you want to play them on your cellphone, then try downloading them from our mobisite ([www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)). We hope you and the children enjoy them!

The Na'ibali Team



## Na'ibali othandekayo

Ndingutitshala weBanga lesi-4 kwaye ndiyakholelwa emandleni amabali, ngoko ke ndiyifundela yonke imihla ikhosi yam. Ndiyafuna nokufumana amabali amanyelwayo ngeelwimi zasekhaya zabantwana, iSesotho, nesiNgesi ukuze bawamamele. Ndikhangele ezivenkeleni ezahluka-hlukileyo, kodwa andiwafumani aweSesotho kwaphela kanti nawesiNgesi ambalwa futhi aduru kakhulu. Ingaba uyayazi indawo endinokufumana kuyo amabali amanyelwayo anamaxabiso afikelelekayo?

Kamohelo Majoro, Phahameng

## Kamohelo othandekayo

Uze endaweni echanekileyo! Sinamabali amanyelwayo afumaneka simahla kwiwebhusayithi yethu ngeelwimi ezilishumi. Unakho ukuwafumana kwiwebhusayithi yethu ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)), kodwa ukuba ufuna ukuwadlala kwiselfowuni yakho, zama ukuwathatha apha kwimobhusayithi yethu ([www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)). Sinethemba lokuba wena nabantwana bakho niya kuwonwabela!

Liqela lakwaNa'ibali

## Create TWO cut-out-and-keep books



### Two!

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



### Mpumi's magic beads

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



## Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

### Izibini!

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcana yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.


### Amaso amangalisayo kaMpumi

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha le-7 nele-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcana yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.



U-Asante uhlithla isilevu sakhe acinge.  
 "Inye kuphela indlela elungileyo yokwazi.  
 Nakhe nazibonela kufutshane iinkwenkwezi nenyanga?" uqoba iliso.  
 "Ndingwenela ukuba sibe semajukujukwini!" uMpumi uyakhwaza.  
 Amaso ayakhenkceza, angqubane, abengezele.  
 Onke amantombazana ayagqitheka luvuyo.  
 Suka baphepheke nomoya,  
 babhabhe ukuya emalini, phezulu lee ngaphaya kwesixeko!

Asante rubs her chin and thinks.  
 "There's only one good way to find out.  
 Ever seen the moon and stars up close?" she winks.  
 "I wish us into outer space!" Mpumi shouts.  
 The beads jingle and sparkle.  
 The girls all giggle with glee.  
 The next thing you know, they zoom into the air  
 and fly up into the clouds, up above the city!



The planetarium is very dark.  
 The girls' eyes are as big as plates!  
 Above, a black sky twinkles with many, many stars.  
 From their seats, they stare deep into space.  
 "There's the solar system," Tshiamo whispers,  
 "the planets go around the sun."  
 "And the one we live on is called Earth," adds Mpumi,  
 "it's full of life: a home for everyone."  
 Indawo yokubonisa iiplanethi imnyama tsiki.  
 Amehlo amantombazana makhulu okwazo!  
 Ngenta, isibhakabhaka esimnyama siyabengezela, zinkwenkwezi ezininzi.  
 Bahlala ezitulweni zabo, bajonge nzulu emajukujukwini.  
 "Kukho ilanga nezizikelezi zalo," uyasebeza uTshiamo,  
 "iiplanethi zizikeleza ilanga."  
 "Le siphila kuyo nguMhlaba," uyongeza uMpumi,  
 "igwele ubomi: ikhaya lomntu wonke."

## Mpumi's magic beads

### Amaso amangalisayo kaMpumi

Lebohang Masango  
 Masego Morulane  
 Xolisa Guzula



This is an adapted version of *Mpumi's magic beads* published by New Africa Books and available in bookstores and online from [www.loot.co.za](http://www.loot.co.za) and [www.takealot.com](http://www.takealot.com). This story is available in eleven official South African languages.

Olu luguqulelo olulungisiweyo oluthi *Amaso amangalisayo kaMpumi* olupapashwe yiNew Africa Books kwaye lufumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-intanethi ku-[www.loot.co.za](http://www.loot.co.za) naku-[www.takealot.com](http://www.takealot.com). Eli bali lifumaneka ngeelwimi ezilishumi elinanye zaseburhulumenteni baseMzantsi Afrika.

**dp davidphilip**  
 Trading as **New Africa Books**

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your imagination

The friends just can't believe it;  
 what an amazing, awesome surprise!  
 They explore the zoo; count their favourite animals  
 and run around with the biggest of smiles.

"How did it happen?" asks Tshiamo.  
 Asante really has no idea.  
 "Auntie Tshego says my hair is special," Mpumi offers,  
 "so maybe that's what brought us here."

Abahlobo abakukholelwa oku;  
 ummangaliso omhle kangaka!  
 Bahloa umzi wogcino-zilwanyana; babale izilwanyana abazithandayo  
 baze babake belegana bezele uncunno.

"Yenzeke njani le nto?" kubuza uTshiamo.  
 UAsante akalalo nofifi.  
 "UMakazi uTshego uthi inwele zam zikhethekile," uMpumi  
 uyazithethela,  
 "ngoko mhlawumbi yinto esizise apha leyo."



Tshiamo says, "I'm ready for our next trip."  
 Asante smiles a big smile and agrees.  
 "We've never been to Gold Reef City," says Mpumi.  
 "I wish us onto a rollercoaster," she screams.  
 The beads jingle and jangle and sparkle.  
 The girls all giggle with glee.  
 The next thing you know, they zoom into the air  
 and fly up into the clouds, up above the city!



The girls are safe, back at school and happy.  
 They had such a fun time exploring.  
 Mpumi, Tshiamo and Asante are the best of friends,  
 and now they know: Joburg city is not at all boring.

Amantombazana akhuselekile, abuyele esikolweni yaye onwabile.  
 Abe nexesha elimyoli lokuhlola ilizwe lawo.  
 UMpumi, uTshiamo no-Asante ngabahlobo bokwenene,  
 kwaye ngoku bayazi: ukuba isixeko iJozi asidiki.





UTshiamo uthi, "Ndililungele uhambo lwethu oluandelayo."  
 U-Asante uncuma olukabhanke the avume.  
 "Asizange siye eGold Reef City," utsho uMpumi.  
 "Ndingqwenela ukuba sinyuke sisehla khona," uyatswina.  
 Amaso ayakhenkceza, angqubane, abengezele.  
 Onke amantombazana ayagigitheka luvuyo.  
 Suka baphephetheke nomoya,  
 babhabhe ukuya emafini, phezulu lee ngaphaya kwesixeko!




The girls all feel good and glad now,  
 they stand up and get ready to go,  
 feeling full of love and holding hands.  
 "I wish us back to school! I wish us back to school!  
 I wish us back to school!" their voices echo.

The beads jingle and jangle and sparkle.  
 The girls all giggle with glee.  
 The next thing you know, they zoom into the air  
 and fly up into the clouds, up above the city!

Amantombazana onke aziva onwabile ngoku,  
 ayaphakama alungele ukuhamba,  
 agcwele luthando njengoko ebambene ngezandla.  
 "Ndingqwenela kuthi kanti besisesikolweni kwakhona! Ndingqwenela kuthi  
 kanti besisesikolweni kwakhona! Ndingqwenela kuthi kanti  
 besisesikolweni kwakhona!" amazwi abo ayahllokoma.

Amaso ayakhenkceza, angqubane, abengezele.  
 Onke amantombazana ayagigitheka luvuyo.  
 Suka baphephetheke nomoya,  
 babhabhe ukuya emafini, phezulu lee ngaphaya kwesixeko!




In Joburg city, all dull and grey,  
 three friends are bored at school.  
 It's break time and they would like to play,  
 but there's no grass, no field or pool.

Their classes are in a big, concrete building  
 with offices above and shops below,  
 on a busy street full of people and cars,  
 so they have no other place to go.

Kwisixeko saseJozi, esimfiliba,  
 abahlobo abathathu banesithukuthezi esikolweni.  
 Lixesha lekhefu kwaye bangathanda ukudlala,  
 kodwa akukho ngca, nabala okanye ipuli.

Iiklasi zabo zikwisakhiwo esikhulu sekonkriti  
 apho kukho ii-ofisi ngentla neevenkile ngezantsi,  
 esitratweni esiphithizelayo ngabantu neemoto,  
 ngoko abanayo enye indawo yokuya.




Mpumi sighs and twirls her black braids.  
Tshiamo says, "Those beads look so pretty."  
"Thank you," she replies and spins around,  
"I was plaited by Tshego, my favourite aunty!"


They admire each other's beautiful hair;  
Tshiamo's afro and Asante's plaits are lovely.  
They smile some more, but remember that they're bored.  
"I wish we could have fun!" exclaims Mpumi.

UMpumi uyabefunyeka ajije imiphotho yakhe emnyama.  
UTshiamo uthi, "Ayimihle ngako loo miphotho yakho."  
"Enkosi," uyabulela uMpumi ngelixa ejikeleza,  
"Ndiphothwe nguTshego, umakazi wam endimthandayo!"

Bancomana iinwele ubuhle;  
Isihlwathi seenwele sikaTshiamo namaferho ka-Asante mahle.  
Bayancuma kwakhona baze bakhumbule ukuba banesithukuthezi.  
"Ndingwenela kuthi kanti besonwabile!" uyakhwaza uMpumi.




Amehlo amancinci amabini okubona.



Two little eyes to see.

Iinyawo ezincinci ezimbini zokukhaba.



Two little feet to kick.



Reproduced by kind permission of The Little Hands Trust and the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA). To find out more about PRAESA, go to [www.praesa.org.za](http://www.praesa.org.za).

Gipapashwe ngokutsha ngemvume yabakwaThe Little Hands Trust neProject for the Study of Alternative Education in South Africa (iPRAESA). Ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe ngabakwaPRAESA, ndwendwela ku-[www.praesa.org.za](http://www.praesa.org.za).




Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



# Two! Izibini!



Carole Bloch  
Richard MacIntosh  
Xolisa Guzula




Izandla ezincinci ezibini zokuphatha.

Two little hands to hold.



Iindlebe ezincinci ezimbini zokumamela.



Two little ears to hear.

And two loving arms to HUG!



Neengalo ezimbini ezinothando  
ZOKWANGA!

In little red cars, safely buckled in,  
the girls hold tight to the rollercoaster ride.  
They laugh and scream, "Oh, we feel so dizzy!"  
as they whizz and whoosh, dip and dive.

From the fantastic view, they can see their school.  
Mpumi yells, "We're almost out of time!"  
The rollercoaster makes its final swoop  
as the girls' hearts beat faster than ever!  
Eventually, it comes to a slow, slow stop  
and they hop off the ride together.

"Gold Reef City is fun," pants Asante,  
"but I don't want to get into trouble – let's leave!"  
They get ready to go, but then they hear a girl shout,  
"Mommy, her hair looks like worms covered in beads!"

Kweza nqwelo zincinci zibomvu zakhona, baqhothoshelewe ngononophelo,  
amantombazana abambulela ntsihlilitkithi kwinqwelo eza kubehisa ibenyusa.  
Bayahleka batswine, "Owu, siziva sineziyezi!"  
banyuka whu-u-u-bantywile ukuhla.

Kwindawo ephhezulu ebonisa kakuhle, bayasibona isikolo sabo.  
UMpumi uyakhwaza, "Sishiywa lixsha!"  
Inqwelo ebahlisa ibenyusa yenza umjikele wokugqibela  
ngelixa iintliziyo zamantombazana zingongoza kakhulu kunakugqala!  
Ekugqibeleni, yehisa isantya, ime ngokucothayo  
baze batsibe ukuphuma kwinqwelo yabo.

"Gold Reef City iyonwabisa," uyakhefuzela u-Asante,  
"kodwa andifuni kubda sengxakini – masihambeni!"  
Balungela ukuhamba kodwa ngelo xesha beva intombazana ekhwazayo,  
"Mama, imwele zakhe zikhangeleka ngathi yiminyiki egqunywe ngamaso!"

"This is not school. Where are we?" Asante panics.  
All three friends are scared with worry.  
"Oh no, the magic beads didn't work," cries Mpumi.  
"This is my fault. I'm so sorry!"  
Mpumi sits down, covers her face and cries.  
She blames herself for getting them stuck.  
Tshiamo and Asante rush to give her a big hug.  
"Mpumi, don't be sad. You've got us!"

Tshiamo says, "Don't let anyone get you down, Mpumi.  
You're beautiful and so are your braids."  
The girls pull faces and make jokes,  
all to get Mpumi smiling once again.  
In no time, it works as her face lights up.  
See? Nothing is too difficult when you have friends!

"Akukho sesikolweni apha. Sipi?" U-Asante uyanxunguphala.  
Bonke abahlobo abathathu bayantwentywa luloyiko.  
"Owu, hayi ke khona, amaso anemilingo akasebenzanga," uyatsho uMpumi.  
"Ndim unobangela. Ndiyaxolisa!"  
UMpumi uhlala phantsi, azigume ubuso alile.  
Uzibeka ityala ngokubenza baxinge.  
UTshiamo no-Asante bayakhawuleza bamwole.  
"Mpumi, musa ukuba lusizi. Sikhona!"

UTshiamo uthi, "Sukuvumela nabanina angakonwabisi, Mpumi.  
Umhle kunye neenwele zakho eziphothiweyo."  
Amantombazana ayanyonyoza aqhulane,  
ukubuyisela uncumo kuMpumi.  
Ngokukhawuleza oku kuyasebenza kuba uyaqalisa ukugcoba.  
Uyabona? Akukho nto inzima kakhulu xa unabahlobo!

They land on the ground, all in a big heap;  
they stand up and dust themselves slowly.  
"What is this strange place we've never been?"  
But it isn't the three of them only.


They see boys and girls and mamas and papas  
and a whole lot of wild animals too:  
a monkey, a lion, a bear, and a parrot that shouts,  
"Welcome to the Johannesburg Zoo!"

Suke bawe bhaxa phantsi, babe yinqumba enkulu;  
bayaphakama bazivuthule ngokucothayo.  
"Kuphi kule ndawo singazange sabakuyo ngaphambili?"  
Kodwa ayisingabo bobathathu bodwa.

Babona amakhwenkwe namantombazana oomama nootata  
nenyambalala yezilwanyana zaseindle:  
imfene, ingonyama, ibhere kunye nesikhwenene  
esikhwazayo sisithi,  
"Namkellele kumzi wogcino-zilwanyana  
waseRhawutini!"



Amaso ayakhenkeza, angqubane, abengezele.  
Onke amantombazana ayagqibekela luvuyo.  
Suka baphephekeke nomoya, babhabhe ukuya emafini!  
phezulu lee, ngaphaya kwesixeko!




The beads jingle and jangle and sparkle.  
The girls all giggle with glee.  
The next thing you know, they zoom into the air  
and fly up into the clouds, up above the city!

Engwenisise iinyembezi, uMpumi ubuza abahlobo bakhe,  
“Sube kuthe ni ukuze umntu athe the into embi kanje?”  
U-Asante noTshiamo baziva belusizi nabo ngoku  
ngenxa yokuba umhlobo wabo omkhulu engonwabanga.  
“Ndingwenela ukuba siphinde sibuyele,” uMpumi uyasebeza.  
Akonwabanga konke konke kunzima nokuthetha.



With tears in her eyes, Mpumi asks her friends,  
“Why would someone say something so mean?”  
Asante and Tshiamo feel sad now too  
because of how unhappy their best friend feels.  
“I wish we could all go back,” Mpumi whispers.  
She really is too upset to speak.

But the beads don't jingle or  
jangle or sparkle  
because Mpumi is as sad  
as can be.  
Nothing happens  
and the girls  
stand still.  
Asante and Tshiamo  
look very worried.



But the next thing you know, they zoom into the air  
and they get stuck up in the clouds, up above the city!

Oh no! The friends are stuck on Hillbrow Tower,  
the tallest building in the city by far.  
They look down and all that their eyes can see  
are tiny people and tiny moving dots of cars.

Kodwa amaso, akakhenkezi, angqubane, abengezele  
kuba uMpumi akonwabanga njengoko kulindelekile.  
Akukho nto yenzekayo namantombazana ame bhunxe.  
U-Asante noTshiamo bakhangeleka bexhalabile.  
Suka baphephekeke nomoya  
babhabhe ukuya emafini, phezulu lee ngaphaya kwesixeko!

Owu hayi! Abahlobo babopheleleke eHillbrow Tower,  
esona sakhawo siphakeme kunene esixekweni.  
Bajonga ezantsi kodwa ngamehlo abo babona kuphela  
abantu abancinci namachaphaza amancinci eemoto ezihambayo.





# The old woman's soup




Retold by Wendy Hartmann ■ Illustrations by Natalie and Tamsin Hinrichsen

Once upon a time there was an old woman who sold the best soup at the village market. It was delicious, hot chicken soup.

Nobody in the village knew the old woman's name. Nobody knew where she lived. And nobody knew why her soup was so tasty nor why it was so hot. They did not even think about these things. They just bought the soup and ate it.

Each morning, the old woman would come to the market. She always carried the big black pot filled with chicken soup on her head and then sat down with it under a tree in the shade. Before long, she would have sold all the soup. Then she would carefully fold her money in a cloth, put it in her pocket, put the empty pot back on her head and leave.



There was a boy called Fezile who lived in the village not far from the market. He liked the chicken soup very much. Actually, he loved it and could not get enough. He wanted to find out where the old woman who made such delicious soup came from.

One day when the old woman put her empty pot on her head and left the market, Fezile followed her. He was careful to stay in the shadows, and behind the trees and bushes, so that she did not see him. He followed her a long, long way down a path that led away from the village and then up a steep hill. He was still climbing up, up, up when evening came. Fezile was afraid, but he kept on walking.

At last the woman came to a little house on the steep hill. She put the pot down in front of the house. Fezile waited until the woman had gone inside the house and closed the door. Then he crept closer to look inside the pot.

Suddenly, Fezile heard the door opening. Quickly he hid in a place where he could see the old woman easily. She walked up to the pot and began to sing:

"Magic pot, magic pot,  
Make soup for me, so hot, hot, hot.  
Make soup with chicken. Make chicken soup.  
Make soup for me to sell and for people to buy.  
Oh magic pot, oh magic pot!"

Very soon the pot was filled with chicken soup! Steam came out of the big black pot and the smell was so good that it made Fezile hungry.

Once the old woman had gone back inside the house, Fezile crept up to the big pot. He looked under it. Although the pot was filled to the brim with hot chicken soup, there was no fire burning under it.

"I must have some of this soup," Fezile said to himself. "I am so hungry!" He stretched forward and put his hand into the pot to take a piece of chicken. Suddenly the old woman came out of her house and saw Fezile with his hand in the pot.

"OH! Oh! Oh!" she cried. "NO! NO! NO!" Fezile turned and ran as fast as he could. The old woman ran after him, shouting, but she couldn't catch him.



Fezile ran and ran until, at last, he was safely home. He told his mother and father all about the old woman and her magic pot. They all went outside and looked up at the hill, and there they saw steam rising into the sky. "Yes," said Fezile's parents, "look at that. We can see the steam from the magic pot."

The old woman never returned to the market and no one went up that steep hill to visit her. They were all too afraid. But from then on, when anyone in the village sees clouds around the top of the hill, they say, "Look! Look up there! It is the steam from the old woman's magic pot."



## Isuphu yexhegokazi



Libaliswa kwakhona nguWendy Hartmann Imifanekiso izotywe nguNatalie noTamsin Hinrichsen

Kudala-dala kwakukho ixhegokazi elalithengisa eyona suphu ibalaseleyo emarikeneni yaselalini. Yisuphu emnandi, eshushu yenkukhu.

Akukho mntu owayelazi igama leli xhegokazi. Akukho mntu wayelazi ukuba lalihlala phi. Akukho nomntu owayesazi ukuba kwakutheni yayinencasa kangako isuphu yakhe nokuthi kwakutheni yayiba shushu kangako. Babengazicingi nokuzicinga ezi zinto. Babethenga isuphu batye kuphela.

Qho kusasa, eli ixhegokazi lalisiya emarikeneni. Lalisoloko lithwala imbiza enkulu emnyama ezele yisuphu yenkukhu entloko lize lihlale nayo phantsi komthi emthunzini. Kungekudala lilapho, beliza kuba seliyithengise yaphela isuphu. Emva koko beliqhinela imali yalo elaphini, liyifake epokothweni, lithwale imbiza yalo engenanto entloko, landule ukuhamba.

Kwakukho inkwenkwe eyayibizwa ngokuba nguFezile eyayihlala elalini kufuphi nemarkeni.

Yayithanda le suphu yenkukhu kakhulu.

Enyanisweni, yayiyithanda kangangokuba yayingeneli yiyo. Yafuna ukwazi ukuba ingaba eli xhegokazi elalisenza isuphu emnandi kangaka lalivela phi.

Ngenye imini ixhegokazi lathwala imbiza yalo entloko laze lemka emarikeneni, uFezile walilandela. Wayehamba ngokuqaphela emana ezifihla ngezithunzi, emva kwemithi namatyholo, ukuze lingamboni. Walilandela umgama omde, omde ohla ngendlela ephumayo elalini iphinde inyuke iqhina. Wayesaqabela phezulu, phezulu, phezulu xa ilanga litshona. Wayesoyika uFezile kodwa waqhuba ngokuhamba.

Ekugqibeleni ixhegokazi lafika endlwini encinane phezulu endlulini eseqhineni. Labeka imbiza phantsi phambi kwendlu. UFezile walinda ukuba ixhegokazi lide lingene endlwini lize livale umnyango. Wachwechwa wasondela ukuze akrobe phakathi embizeni.



Ngephanyazo, uFezile weva sekuvuleka umnyango. Wakhawuleza wazifihla apho wayeza kulibona lula ixhegokazi. Lahamba laya embizeni laqala lacula:

“Mbiza emangalisayo, mbiza emangalisayo,  
Ndenzele isuphu, ibe shushu, shushu, shushu.

Yenza isuphu yenkukhu. Yenza isuphu yenkukhu.

Yenza isuphu ukuze ndithengise nokuthi abantu bathenge.

Owu mbiza emangalisayo, owu mbiza emangalisayo!”

Kwangoko imbiza yazala yisuphu yenkukhu! Kwakuphuma umphunga embizeni enkulu emnyama kanti nevumba layo lalimnandi kakhulu wade waziva elambile uFezile.

Lakuba libuyele endlwini ixhegokazi, uFezile wachwechwela embizeni enkulu. Wakroba ngaphantsi kwayo. Nangona imbiza yayizele ntle yisuphu eshushu yenkukhu, kwakungekho mlilo uvutha phantsi kwayo.

“Kufuneka ndifumane intwana yale suphu,” wathetha yedwa uFezile.

“Ndilambe kakhulu!” Wolula isandla sakhe waze wasifaka embizeni ukuze athathe iqhekeza lenkukhu. Ngephanyazo laphuma endlwini ixhegokazi laza lambhaqa uFezile esasifake embizeni isandla sakhe.

“OWU! Owu! Owu!” lakhala. “HAYI! HAYI! HAYI!” Wajika uFezile wabaleka ngamendu kangangoko wayenakho. Ixhegokazi lamleqa, lingxola, kodwa zange likwazi ukumbamba.



UFezile wabaleka, wabaleka wade ekugqibeleni, wafika ekhuselekile ekhaya. Waxelela umama notata wakhe ngako konke malunga nexhegokazi nangembiza yalo emangalisayo. Bonke baphuma phandle baphakamisela amehlo abo endlulini, baze bawubona umphunga owawunyuka usiya phezulu esibhakabhakeni. “Ewe,” batsho abazali bakaFezile, “jongani phaya. Siyawubona umphunga ophuma embizeni emangalisayo.”

Zange liphinde libuyele emarikeneni ixhegokazi futhi akukho mntu owakhe waya endlulini eseqhineni ukuya kulityelela. Wonke umntu wayesoyika kakhulu. Kodwa ukususela ngoko, xa kukho umntu waselalini obona amafu ajikeleze najinga phezu kwendlu, kwakusithiwa, “Jongani! Jongani phaya phezulu! Ngumphunga ophuma embizeni emangalisayo yexhegokazi.”

# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1.

- Look at this picture of Bella and Neo reading together. They are reading the same story about Tumi who is at the beach, but they are imagining different things as they read! Can you write down what Bella and Neo are imagining as they read? First write the part of each of their stories that you can see in the thought bubbles. Then write what happened next.
- Jonga lo mfanekiso kaBella noNeo abafunda kunye. Bafunda ibali elinye malunga noTumi oselwandle, kodwa iingcinga zabo azifani! Ungakwazi ukubhala iingcinga zikaBella nezikaNeo abanazo njengokuba befunda? Qala ngokubhala inxalenye yamabali abo owabona phakathi kwamaqamza eengcinga. Emva koko bhala okuye kwalandela.

### Bella's story

#### Ibali likaBella

### Neo's story

#### Ibali likaNeo

2.

Which small picture of Priya reading, is exactly the same as the big picture?

Ngowuphi umfanekiso omncinane obonisa uPriya efunda, ofana ncam nomfanekiso omkhulu?



3.

Can you think of a title for the story that Priya is reading?

Ungakwazi ukucinga isihloko sebali elifundwa nguPriya?

\_\_\_\_\_



Answer/Impendulo: 2. c

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us by calling our call centre on 02 11 80 40 80, or in any of these ways:

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Nxabekelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)



Produced by The Nal'ibali Trust and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

**S**owetan  
IN THE KNOW ON THE MOVE.



Drive your imagination

